



Join us and
read aloud!

Welcome to your special **World Read Aloud Day** edition of the **Nal'ibali Supplement!**

World Read Aloud Day is celebrated by people from all over the world who are passionate about children's books and reading. In fact, it's celebrated by over one million people in more than one hundred countries! Every year Nal'ibali joins in these celebrations to raise awareness in our own country of how reading aloud supports children's literacy development.

Each year on World Read Aloud Day, people get together to read stories to each other. It's a day where we turn the spotlight on sharing the power of stories with each other so that we create communities of readers. Adults read stories to children, older children read to younger children, and some children even read to adults they know who love hearing them read, or are not able to read themselves. And this all happens in different places: in homes, schools, preschools, libraries, community centres, old age homes, churches, temples, mosques and bookshops!

But, the simple act of reading aloud on this day is about more than just people sharing stories they enjoy. It also shows our children and others around us that:

- we think reading is important.
- we are committed to helping children become readers by reading aloud to them regularly.
- we believe that everyone has the right to learn how to read!

On Nal'ibali's first World Read Aloud Day celebration in 2013, 13 401 children were read to and this number has just kept growing year after year! Last year was our eighth World Read Aloud Day and **2 925 224** children across South Africa were read to. And this year, on **3 February**, we want to reach even more children. Find out how you can help us do this on page 2.


On World Read Aloud Day, we hold hands with others to create a global literacy movement. Reading aloud on this special day is a symbol of our commitment to the power of literacy, and also a very practical way of showing everyone that reading matters.

Join us this World Read Aloud Day and share a story!



What's inside?

- ★ How to join in the Nal'ibali celebrations (page 2)
- ★ Ideas for ways to celebrate World Read Aloud Day (page 2)
- ★ Poster with 5 good reasons to read aloud (page 3)
- ★ A special Nal'ibali World Read Aloud Day cut-out-and-keep book (pages 5, 6, 11 and 12)
- ★ Two other stories (pages 7 to 10, and pages 14 and 15)
- ★ A World Read Aloud Day badge (page 16)



Yintoni equlathwe lolu hlelo?

- ★ Indlela yokujoyina kwimibhiyozo yakwaNal'ibali (kwiphepha le-2)
- ★ Iingcebiso zeendlela zokubhiyozela uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi (kwiphepha le-2)
- ★ Izizathu ezibalulekileyo ezi-5 zokufunda ngokuVakalayo (kwiphepha le-3)
- ★ Incwadi ekhethekileyo kaNal'ibali onokuyisika-ze-uyigcine yoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi (kwiphepha le-5, ele-6, ele-11 nele-12)
- ★ Amanye amabali amabini (kwiphepha le-7 ukuya kwele-10, nakwiphepha le-14 nele-15)
- ★ Ibhaji yoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi (kwiphepha le-16)

Sijoyine ufunde
ngokuvakalayo!

Wamkelekile kushicilelo lwakho olukhethekileyo loHlelo lwakwaNal'ibali olungokubhiyozela uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi!

USuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi lubhiyozelwa ngabantu abakuzo zonke iindawo zehlabathi nabazithanda kakhulu iincwadi zabantwana kunye nokufunda. Enyanisweni, olu suku lubhiyozelwa ngabantu abangaphezu kwesigidi kumazwe angaphezu kwalikhulu apha ehlabathini! Ngonyaka ngamnye uNal'ibali ujoyina le mibhiyozo ukuze avuselele ulwazi kwilizwe lethu, ngendlela ukufunda ngokuvakalayo okuluxhasa ngayo uphuhliso lwesakhono sabantwana selitheresi.

Kunyaka ngamnye ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, abantu bayahlngana ukuze bafundelane amabali. Lusuku esizinzisa iingqondo zethu ngalo ekwabelaneni ngamandla amabali ukuze sakhe amaqela oluntu afundayo ekuhlaleni. Abantu abadala bafundela abantwana amabali, abantwana abadadlana bafundele abantwana abancinane kunabo, ukuze abantwana abathile bafundele nabantu abadala ababaziyo ukuba bakuyathanda ukubeva befundela, okanye bafundele abo bantu badala kuba bona bengakwazi ukuzifundela ngokwabo. Kanti konke oku kwenzeka kwiindawo ezahlukileyo: emakhaya, ezikolweni, kumaziko ezikolo zikagqusha, kwiilayibrari, kumaziko oluntu ekuhlaleni, kumakhaya abantu abadala, ezicaweni, ezitempileni, kwiimoski nakwiivenkile zeencwadi!

Kodwa, isenzo esingenabugocigoci sokufunda ngokuvakalayo ngolu suku singaphaya kokwabelana nje kuphela ngamabali abawathandayo. Sikwabonisa abantwana bethu nabanye abakufutshane kuthi ukuba:

- sicinga ukuba ukufunda kubalulekile.
- sizinikele ekuncediseni abantwana ukuba babengabafundi ngokubafundela ngokuvakalayo rhoqo.
- siyakholelwa ukuba wonke umntu unelungelo lokufunda indlela eyiyo yokufunda!

Ngombhiyozo wokuqala kaNal'ibali woSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi ngowama-2013, kwafundelwa abantwana abali-13 401 kanti eli nani likhule ngokukhula kunyaka nonyaka! Unyaka ophelileyo ubesihlandlo sethu sesihlanu sokubhiyozela uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, nalapho kuthe kwafundelwa abantwana abangama-**2 925 224** kuMzantsi Afrika uphela. Kodwa kulo nyaka, ngomhla **wesi-3 kweyoMdumba**, sifuna ukufikelela ebantwaneni abangaphezu koko. Fumanisa kwiphepha lesi-2 indlela onokusinceda ngayo sikwenze oku.

NgoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, sibambana ngezandla nabanye ukuze siyile umanyano lokuphembelela ilitheresi. Ukufunda ngokuvakalayo ngolu suku lulodwa ngumqondiso wokuzinikela kwethu emandleni esakhono selitheresi, kanti kukwayeyona ndlela isebenziseka kakhulu yokubonisa wonke ubani ukuba ukufunda kubalulekile.

Sijoyine ngolu Suku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi ukuze sabelane ngamabali!



Drive your
imagination



IT STARTS WITH
A STORY.
KONKE KUQALA
NGEBALI.

Join us on World Read Aloud Day!


Since 2013, Na'ibali has been bringing you a special story to celebrate World Read Aloud Day. This year's story, *Fly, everyone, fly!*, features some of our much-loved Na'ibali characters. It was written by children's author, Sihle Nontshokweni, and illustrated by Magriet Brink and Leo Daly. Read it to the children in your life this World Read Aloud Day, 3 February 2021, and be part of the excitement!

Sijoyine ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi!

Ukususela ngonyaka wama-2013, uNa'ibali usoloko eniphathela ibali elikhethekileyo lokubhiyozela uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi. Kulo nyaka upheleleyo, ibali lafundelwa abantwana abangaphezulu kwesigidi ngosuku olunye! Ibali lalo nyaka, elithi *Bhabhani, nonke, bhabhani!*, linabanye abalinganiswa bakaNa'ibali abathandwa kakhulu. Libhalwe ngumbhali weencwadi zabantwana, uSihle Nontshokweni, yaza imizobo yazotywa ngumzobi weekhathuni, uRico. Lifundele abantwana ohlala nabo ngolu Suku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi, umhla wesi-3 kweyoMdumba wama-2021, ube yinxenye yochulumanco!

How to join in

1. Go to www.nalibali.org or www.nalibali.mobi to sign up your family, reading club or school and help make this the biggest World Read Aloud Day celebration in South Africa.
2. Make Na'ibali World Read Aloud Day badges with your children. Use the template on page 16, or design your own badges.
3. On 3 February 2021, read our special World Read Aloud Day story to:
 - ★ your own children, grandchildren, nieces and nephews
 - ★ children in your class or at your school
 - ★ children at your reading club, library or community centre.
4. Do other fun World Read Aloud Day activities. Use the ideas below to help you.



Indlela yokujoyina

1. Yiya ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi usayinele usapho lwakho, iklabhu yokufunda yakho okanye isikolo sakho ukuze uncedise ekwenzeni lo ibe ngowona mbhiyozo mkhulu woSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi eMzantsi Afrika.
2. Yenza iibheji zokubhiyozela uSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi nabantwana bakho. Sebenzisani ithemphleyithi ekwiphepha le-16, okanye niziyle ezenu iibheji.
3. Ngomhla wesi-3 kweyoMdumba ngowama-2021, fundela aba balandelayo ibali ngoSuku lwethu lohlobo olulodwa lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi:
 - ★ abantwana bakho, abazukulwana nabatshana bakho
 - ★ abantwana abaseklasini yakho okanye esikolweni sakho
 - ★ amaqela abantwana kwiminyhadala ekhethekileyo yeklabhu yokufunda yenu, elayibrari okanye kwiziko loluntu.
4. Yenza neminye imisetyenzana eyonwabisayo yoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi. Ungasebenzisa iingcebiso ezingasezantsi ukukunceda.

5 World Read Aloud Day activities



1. Let your children make their World Read Aloud Day badges (see page 16) before 3 February so that they can wear them on World Read Aloud Day. (You can get extra copies of the badge or find it in other languages at www.nalibali.org.)
2. Read our special World Read Aloud Day story, *Fly, everyone, fly!* Go to www.nalibali.org or www.nalibali.mobi and sign up to let us know how many children you read to.
3. Choose some of the activities suggested for *The tale of Oxpecker and Buffalo* and *Little Goat* in the "Get story active!" section on page 13.
4. Give your children some blank paper and crayons or pencil crayons. Invite them to design a new book cover for one of their favourite books.
5. Have fun playing Story-in-a-Circle with groups of adults and children, or just children. Let everyone sit in a circle. Then ask a few people to volunteer to stand in the centre of the circle. The people sitting in the circle create a group story by each adding one or two sentences to the story as it goes around and around. The people standing in the middle of the circle act out the story as it develops.



Imisebenzi emi-5 yoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi


1. Nika abantwana bakho ithuba lokuba bazenzele iibheji zabo zoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi (jonga kwiphepha le-16) phambi komhla wo-3 kweyoMdumba ukuze bazinxibe ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi. (Xa ufuna ukuzongeza, ungazifumanela ezinye iikopi zeebheji kwanangezinye iilwimi ku-www.nalibali.org.)
2. Funda ibali elikhethekileyo loSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi elithi, *Bhabhani, nonke, bhabhani!* Yiya ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi ukuze usayine ngeenjongo zokusazisa ukuba bangaphi na abantwana obafundeleyo.
3. Chonga eminye yemisebenzi enokwenziwa engebali elithi, *Ibali likaSinqolankomo noNyathi kunye nelithi UBhokhwana kwicandelo elithi "Yenza ibali linike umdla!" kwiphepha le-13.*
4. Nika abantwana bakho iphepha elingabhalwanga nto kunye neekhrayoni okanye iikhrayoni zepensile. Bacele ukuba bayile iqweqwe elitsha lenye yezona ncwadi bazithandayo.
5. Zonwabiseni ngokudlala ibali-phakathi-kweSangqa ngokwamaqela abantu abadala kunye nabantwana, okanye abantwana nje kuphela. Wonke umntu makahlale esangqeni. Emva koko, cela abantu abambalwa ukuba bazinikele ngokuthanda kwabo ukuba beme esizikithini sesangqa. Abantu abahleli esangqeni benza ibali leqela ngokuthi ingulowo afakele isivakalisi esinye okanye ezibini ebalini xa liqhuba ngokujikeleza lisiya phambili. Aba bantu bemisizikithini sesangqa bona banika iintshukumo zebali njengoko lisiya lisanda ngokwanda.



Drive your imagination

5 good reasons to read aloud

- 1 It helps to develop the bond between a parent and child.
- 2 Children see reading as a satisfying activity.
- 3 It helps to motivate children to read.
- 4 It shows young children how we read and how books work.
- 5 Children can enjoy stories that they cannot read on their own yet!



Izizathu ezibalulekileyo ezi-5 zokufunda ngokuvakalayo

- 1 Kunceda ukwakha usondelelwano phakathi komzali nomntwana.
- 2 Abantwana bakubona ukufunda njengomsebenzi owonelisayo.
- 3 Kukhuthaza ukuphemelela abantwana ukuba bafunde.
- 4 Kubonisa abantwana abancinci. indlela esifunda ngayo nendlela ezisebenza ngayo iincwadi.
- 5 Abantwana bangawonwabela amabali abangenakukwazi ukuzifundela bebodwa!

Contact us in any of these ways:

Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

www.nalibali.org

www.nalibali.mobi

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.tumblr.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

info@nalibali.org

Nalibali

Meet Na'ibali's new CEO!



Yandiswa Xhakaza loves Na'ibali because she believes that reading is the foundation of a child's future success. We asked her a few questions.

What is your favourite story or book?

The God of Small Things by Arundhati Roy.

What book are you reading to your children at the moment?


The Diary of a Wimpy Kid because that is what they are interested in right now.

If you had to give our readers two bits of advice on being a successful person, what would it be?

Know your strengths and use them well. At the same time, be aware of your weaknesses and know when to ask for help.

What vision do you have for the future of Na'ibali?

Na'ibali's impact will be felt by children who will go on to add value to our society in a range of different ways. They will be young adults who will remember that, had it not been for Na'ibali, they would not be where they are. They will be avid readers who would not be readers had it not been for Na'ibali making reading material accessible.



Yandiswa Xhakaza



Ukwazisa ngoMphathi omKhulu omtsha wakwaNa'ibali!



UYandiswa Xhakaza uyamthanda uNa'ibali kuba ukholelwa ekubeni ukufunda sisiseko sempumelelo sekamva lomntwana. Simbuze imibuzo embalwa.

Leliphi elona bali ulithandayo okanye incwadi?

The God of Small Things ebhalwe nguArundhati Roy.

Njengangoku yeyiphi incwadi oyifundela abantwana bakho?

The Diary of a Wimpy Kid kuba yinto abanomdla kuyo ngalo mzuzu.

Ukuba ubunokunika abafundi bethu amacebiso amabini ngokuba ngumntu ophumeleleyo, ingangawaphi?

Wazi amandla akho uze uwasebenzise kakuhle. Ngaxeshanye, bazi ubuthathaka bakho uze wazi xa kufuneka ucele uncedo.

Uhini umbono onawo ngekamva likaNa'ibali?


Ifuthe likaNa'ibali lawuvakala ebantwaneni abaya kuthi babe lulutho kuluntu lwethu ngeendlela ezahlukeneyo. Bawuba ngabantu abakhulileyo abawukhumbula okokuba, ukuba ibingengabukho bukaNa'ibali, ngebengafikelelanga kule ndawo bakuyo. Baya kuba ngabafundi abanomdla abangengakhange babe ngabafundi ukuba uNa'ibali wayengazange azenze zifumaneki izixhobo zokufunda.

REMEMBER!

We need to read aloud to our children every day - not only on World Read Aloud Day! If we read to them for just 15 minutes every day in 2021, we will have read to them for 5 475 minutes by the end of the year. That's 91½ hours of reading fun!



KHUMBULA!

Kufuneka sibafundele ngokuvakalayo abantwana bethu yonke imihla - kungabi kuphela ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi! Ukuba sibafundela kwimizuzu eli-15 kuphela yonke imihla ngo-2021, siya kuba sibafundele imizuzu engama-5 475 ekupheleni konyaka. Ezo ziyure ezingama-91½ zokufundela ulonwabo!



Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your imagination




“Kwovu, ayisente nje,” watsho uJosh. “Ngenye imini ndifuna ukuba ngumqhubi webhaloni. Kodwa khawume! Ndiza kukubonisa ukuba kubhabhazelwa njani. Ndilinganise,” wakhwaza. UJosh waphakamisa izandla zakhe waza wacula: “Ika ekhohlo, ika ekunene. Ika ekunene, ika ekhohlo. Phakamisa ingalo zakho uze ucimle. Ekhohlo, ekunene, phezulu phantsi. Siza kubhabha sijikeleze.” UAfrika, uNeo, uBella noHope bangenela kwangoko. Njengoko uJosh wayeyikajika ngesitulo sakhe esinamavili, abanye babaleka bajikeleza ingalo zivulekile becula behleka. Yaye eneneni, uNoodle wangenelala Bayeka xa bonke babephelwa ngumphumlo.



“Wow, that’s so cool,” Josh said. “One day I want to be a pilot. But wait! I will show you how to fly. Do what I do,” he shouted. Josh lifted his arms and then he sang: “Sway left, sway right. Sway right, sway left. Lift your arms and close your eyes. Left, right, up, down. We will fly all around.” Afrika, Neo, Bella and Hope soon joined in. As Josh turned around and around in his wheelchair, the others ran around with their arms stretched out singing and laughing. And of course, Noodle joined in! They only stopped once they were all out of breath.

Fly, everyone, fly! Bhabhani, nonke, bhabhani!

Sihle Nontshokweni
Magriet Brink &
Leo Daly



During a long, slow bus journey, Afrika wishes he could fly quickly in an aeroplane to visit Gogo and his friends. When all the friends meet at Gogo’s house, Josh shows them a new way to fly. And Afrika shows them all the places they could go with a paper aeroplane!



Ngexesha lohambo olude olucothayo ngebhasi, uAfrika wayenga angabhabha ngokukhawuleza ngebhaloni ukutyelela uGogo nabahlobo bakhe. Xa bonke abahlobo behlangana ekhayeni likaGogo, uJosh ubabonisa indlela entsha yokubhabha. Yena uAfrika ubabonisa zonke iindawo ababenokuya kuzo ngebhaloni yamaphepha!

Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your imagination

“Josh,” watsho uAfrika, etyhalela isitulo esihamba ngamavili kwindawo yokudlala, “uyakhumbula ngokuya ndandilapha ukuba wena waphumlela ukhuphiswano lweekhayithi?”
 “Ewe,” wahleka uJosh. “Soze ndiyilibale loo nto.”
 “Ngoku ke, masibe nokhuphiswano lwebhaloni zephapha,” watsho uAfrika ekhupha umzobo webhaloni yephapha.
 “Josh,” said Afrika, as he pushed the wheelchair to the field, “remember the last time I was here and you won the kite competition?”
 “Yes,” laughed Josh. “I’ll never forget that.”
 “Well, let’s have a paper aeroplane competition,” said Afrika and took out a drawing of his paper aeroplane.




“Now let’s make some paper planes,” said Afrika. He opened his backpack and pulled out a few sheets of paper. “I’ll show you what to do.”
 “I wish they taught us this in school,” said Hope as she followed Afrika’s instructions.
 Once everyone was done, Afrika said, “Before you let your plane fly, you must decide where you want to go. As you throw your plane into the air shout out the name of the country you are sending your plane to. One, two, three – FLY!” They all threw their paper planes up into the air.



Afrika, Dintle and Mme wa Afrika were on a bus on their way to visit Gogo. “Yay! Holidays at last!” said Afrika as he bounced up and down in his seat.
 “Sshhh! You’ll wake your sister,” whispered Mme wa Afrika.
 “Sorry, Mama,” whispered Afrika.
 Afrika tried to sit still, but he couldn’t. “I wish this old bus was an aeroplane,” he said as he put his arms out and pretended they were aeroplane wings. “If we were flying, we would have been at Gogo’s house long ago.”
 “I know,” said Mama, “but please put your arms down before you poke your fingers in someone’s eye.”
 “Eish, this bus is so slow,” sighed Afrika. “We’ll never get there.”

UAfrika, uDintle noMme wa Afrika babesebhasini endleleni eya kutyelela uGogo. “Yhe-e-e! Iiholide ekugqibeleni!” watsho uAfrika edloba enyuka esihla esitulweni sakhe.
 “Sshhh! Uza kuvusa udadewenu,” wasebeza uMme waAfrika.
 “Uxolo, Mama,” wasebeza uAfrika.
 UAfrika wazama ukuhlala azole, kodwa zange akwazi. “Ndingwenela ukunga le bhasi indala ibiyibhaloni,” watsho ekhupha esolula iingalo zakhe esenza ngathi ngamaphiko ebhaloni. “Ukuba besibhabha, ngekukudala safika kwaGogo.”
 “Ndiyazi,” watsho uMama, “kodwa nceda uhlise iingalo zakho phambi kokuba uxhole umntu ngeminwe yakho.”
 “Owu, le bhasi icotha kakhulu,” wazamla uAfrika. “Soze siyokufika.”





She looked in the mealie patch, but Little Goat was not there.

Wamkhangela kwindawana eyayityalwe umbona, kodwa uBhokhwana wayengabonakali ndawo.



She had walked far from Mother Goat. Mother Goat wondered where Little Goat had gone.

Wayemshiye kude uMama uBhokhwe. UMama uBhokhwe wazibuza ukuba uyephi uBhokhwana.



Little Goat found the sweetest grass. She ate and ate.

UBhokhwana wade wayifumana eyona watya akayeka. ngca inencasa. Watya, watya akayeka.



Lots more free books at bookdash.org

Little Goat UBhokhwana

Nicola Anne Smith
Tiffany Mac Sherry
Mirna Lawrence



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your imagination




Wathi esahamba njalo, wasuka
uBhokhwana wamshiya emva kakhulu
uMama uBhokhwe.

UMama uBhokhwe wabaleka waya emlanjeni.
Kodwa uBhokhwana wayengabonakali
ndawo. "Uphi, Bhokhwana?" wanxakama
uMama uBhokhwe.



Mother Goat ran to the river. But Little
Goat was not there. "Where are you,
Little Goat?" bleated Mother Goat.



Little Goat went to find the sweetest grass.
The sky was blue above. But she did not
look up.

UBhokhwana waya kufuna eyona
ngca inencasa. Phezulu isibhakabhaka
sasizuba. Kodwa zange ajonge phezulu.

"I wasn't lost ... I have been here all the
time!" said Little Goat.



"Bendingalahlekanga ... bendilapha ngalo
lonke ixesha!" watsho uBhokhwana.




Intaka yakhwaza uMama uBhokhwe, uBhokhwana ulele ngaphaya kwebhulorho engeni enencasa.


A bird called to Mother Goat, "Little Goat is asleep in the sweet grass across the bridge."



"Wake up, Little Goat," said Mother Goat gently. "You were lost!"



"Vuka Bhokhwana," watsho ezolile uMama uBhokhwe. "Ubulahlekile!"



As she walked along, Little Goat moved further and further away from Mother Goat.

The river gurgled below. But Little Goat did not listen to its song.

Ezantsi umlambo wawurhotyoza. Kodwa uBhokhwana zange ayimamele ingoma yawo.






She just walked along looking for the sweetest grass.
 Wasuka waqhuba ngokuhamba ekhangela eyona ngca inencasa.



Mother Goat crossed the bridge to the sweet grass.
 UMama uBhokhwe wanqumla ibhulorho waya engceni enencasa.



A bird called to her, saying, "How do you do?" But Little Goat didn't answer.

Intaka yamkhwaza, isithi, "Unjani?" Kodwa uBhokhwana zange ayiphendule.

There she found Little Goat fast asleep.

Wamfumana apho uBhokhwana elele yoyi.







“Ngoku masenze ibhaloni zamaphapha,” watsho uAfrika. Wavula ubhaka wakhe waza wakhupha amaxwebhu amaphapha ambalwa. “Ndiza kumibonisa emanikwenze.” “Ingase ibe babesifundisile le nto esikolweni,” watsho uHope njengoko wayelandela imiyalelo kaAfrika. Esakuba wonke umntu egqibile, uAfrika wathi, “Phambi kokuba uyibhahbise ibhaloni yakho kufuneka ugqibe ukuba ufuna ukuya phi. Njengoko uphosa ibhaloni yakho emoyeni khwaza igama lelizwe othumela kulo ibhaloni. Inye, zimbini, zintathu – BHABHA!” Baziphosa bonke ibhaloni zabo emoyeni.

“Wait! Neo, stop! Where are you going?” asked Afrika. “Home,” laughed Neo, “I’m hungry!” “Me too,” said Bella. “Woof!” said Noodle. Hope looked at her watch. “We’re late for lunch,” she said. “We’d better run.” “No,” said Josh. “Let’s fly!” They all laughed, put their arms out... and flew home.

“Yima! Neo, khawume! Uya phi?” wabuza uAfrika. “Ndiyagoduka,” wahleka uNeo, “Ndilambile!” “Nam,” watsho uBella. “Hawu!” watsho uNoodle. UHope wajonga ixesha. “Sishiyiwe lixesha lelantshi,” watsho. “Kubhetele sibaleke.” “Hayi,” watsho uJosh. “Masibhabhe!” Bahleka bonke, bolula iingalo zabo... babhabha bagoduka.



The next day everyone was up early. “If I know your friends,” said Mime wa Afrika, “they will be here before you’ve finished your breakfast.” Just then everyone heard barking. “Noodle, slow down!” Bella shouted, as she followed Noodle into the room. Noodle was very happy to see everyone. Soon Josh and Hope arrived and everyone started talking at once. Gogo covered her ears. “Finish eating, then off you go!” Gogo said and sent the older children and Noodle outside to play. Ngosuku olilandelayo wonke umntu wavuka kwakusasa. “Ndibazi kakuhle abahlobo benu,” watsho uMime wa Afrika. “Daza kufika apha phambi kokuba nigqibe isidlo sakusasa.” Kanye ngaloo mzuzu wonke umntu weva ukukhonkotha. “Noodle, khawume!” wakhwaza uBella, njengokuba wayelandela uNoodle bengena endlini. UNoodle wayeneminicili kakhulu ukubona wonke umntu. Kungekudala uJosh noHope bafika waze wonke umntu waqalisa ukuthetha ngaxeshanaye. UGogo wavala iindlebe zakhe. “Gqibani ukutya nize niphume!” watsho uGogo ethumela abantwana abadadlana noNoodle phandle ukuba bayokudlala.



Njengoko uGogo wayesika ikeyiki wathi, "Ngoku ndandisemncinane sasingenabhasi. Ngoku kukho imoto, iitekisi, iibhasi, oololiwe..."

"... neebhaloni," watsho uNeo xa babengena endlwini benoMbali. UAfrika watstiba waya kubulisa abahlobo bakhe. Wayechulumancile kukubadona kwakhona.

UMbali wabhakabhaka. "Mimm tana," watsho ekhomba ikeyiki uGogo wahlaka wabanika elowo isilayi. "Ujosh, uHope noBella baza kusityelela ngomso," watsho.

"NoNoodle," watsho uMbali.

"NoNoodle," wangqina uGogo.



As Gogo cut the cake she said, "When I was young we didn't have buses. Now there are cars, taxis, buses, trains..."

"... and aeroplanes," said Neo as he walked into the room with Mbali. Afrika jumped up to greet his friends. He was so happy to see them again.

Mbali looked around. "Yum, yum," she said pointing at the cake.

Gogo laughed and gave them each a slice. "Josh, Hope and Bella will visit tomorrow," she said.

"And Noodle," said Mbali.

"And Noodle," agreed Gogo.

It took hours, but at last the bus stopped and they could see Gogo waving to them. "I was so excited that I got here early," said Gogo as she hugged and kissed them all.

"We were on this bumpy, noisy, old bus for so long, Gogo," said Afrika.

"I know," smiled Gogo. "Now, let's get you all home. I have tea and cake waiting and Neo and Mbali will be home soon." That made Afrika smile all the way to Gogo's house.



Yathatha iiyure, kodwa ekugqibeleni ibhasi yema baze bakwazi ukumbona uGogo ebawangangisela izandla ebulisa. "Kangangokuba bendinemicili ndifike apha kwangethuba," watsho uGogo ebanga ebaphuza bonke.

"Besikule bhasi idlokovayo, ingxolayo, indala ixesha elide kakhulu, Gogo," watsho uAfrika.

"Ndiyazi," wancuma uGogo. "Ngoku, masigodukeni sonke. Ndineti nekeyiki enilindeleyo yaye uNeo noMbali baza kufika ngokukhawuleza." Oko kwamncumisa uAfrika kuyo yonke indlela eya kwaGogo.

"Eyam ndiyithumela eZimbabwei" watsho uNeo.

"Eyam iya eNgilani!" uBella noHope bakhwaza ngaxeshanye.

"Brazil!" watsho uAfrika.

"Japan!" watsho uJosh.

Abantwana bahleka njengoko babebukela iibhaloni zabo zibhabha esibhakabhakeni. UNoodle wabaleka ejikeleza ekhonkotha ezama ukubamba iibhaloni zamaphapha! "Ngoku niyazi ukuba akunyanzelekanga ukuba nibe kwibhaloni yokwenyani ukuze nikwazi ukubhabha," watsho uJosh.

"I'm sending mine to Zimbabwe!" said Neo.

"Mine's going to England!" Bella and Hope shouted at the same time.

"Brazil!" said Afrika.

"Japan!" said Josh.

The children laughed as they watched their planes fly across the sky. Noodle ran around barking and tried to catch the paper planes!

"Now you know that you don't have to be in a real aeroplane to be able to fly," said Josh.



Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Na'ibali Supplement: *Fly, everyone, fly!* (pages 5, 6, 11 and 12), *Little Goat* (pages 7 to 10) and *The tale of Oxpecker and Buffalo* (page 14).

Fly, everyone, fly!

★ Before you read the story

- ☉ Ask the children if they have ever flown in an aeroplane or seen an aeroplane on TV or in a book. Encourage them to share their thoughts with you.

★ After you've read the story

- ☉ Talk about different ways to travel to faraway places. What are the best and the worst things about travelling for a long time?
- ☉ Ask younger children to draw and older children to write about a place they would like to visit. What would they see and do there?

Make a paper plane

1. Fold a page in half lengthwise.

2. Open the page again and fold the top corners toward the middle.

3. Fold the top edges toward the middle again.

4. Fold the plane in half so that the triangles are on the inside.

5. Fold the sides of the plane to the bottom on both sides. Unfold them slightly so that the plane is flat on top.



Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisetyenzana onokuyizama. Isekwe kuwo onke amabali olu papasho loHlelo lukaNa'ibali: *Bhabhani, nonke, bhabhani!* (iphepha lesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12), *UBhokhwana* (iphepha lesi-7 ukuya kwele-10) nelithi *Ibali likaSinqolankomo noNyathi* (iphepha le-15).

Bhabhani, nonke, bhabhani!

★ Phambi kokuba ufunde ibali

- ☉ Buza abantwana ukuba bakha babhabha na ngebhaloni okanye bakha bayibona na ibhaloni kumabonakude okanye encwadini. Bakhuthaze babelane nawe ngeengcinga zabo.

★ Emva kokuba ulifundile ibali

- ☉ Thetha ngeendlela zokuhamba ukuya kwiindawo ezikude. Zeziphi ezona zinto zilungileyo nezona zimbi ngokuhamba ixesha elide?
- ☉ Cela abantwana abancinci ukuba bazobe baze abadala babhale ngeendawo abangathanda ukuzityelela. Bangabona kwaye benze ntoni apho?

Yenza ibhaloni yephepha

1. Songa iphepha kubini ngobude balo.

2. Livule kwakhona iphepha uze ugobele iikona ezingasentla embindini.

3. Gobela embindini imiphetho yephepha kwakhona.

4. Songa ibhaloni phakathi ukuze oonxathathu babe ngaphakathi.

5. Gobela emazantsi amacala ebhaloni kumacala omabini. Wavule kancinci ukuze ibhaloni ibe mcaba ngaphezulu.



The tale of Oxpecker and Buffalo

Do you have any suggestions for what Oxpecker and Buffalo could do to get along better? Write a letter to them in which you share these ideas. (Do this with a group of friends or on your own!)



Ibali likaSinqolankomo noNyathi

Ingaba ninazo na iingcebiso ngokunokwenziwa nguSinqolankomo noNyathi ukuze bavane ngeendlela ebhetele? Babhalele ileta wabelane nabo ngezi mbono. (Kwenze oku neqela labahlobo okanye uzenzele ngokwakho!)

Little Goat

- ★ Discuss with your children what it means to be lost by asking, "Do you think Little Goat was lost? Why/why not?"
- ★ Invite your children to draw a picture that shows what it feels like to be lost.
- ★ Challenge older children to retell the story using human characters in place of Mother Goat and Little Goat.



UBhokhwana

- ♥ Xoxa nabantwana bakho ngentsingiselo yokulahleka ngokubabuza kanje, "Nicinga ukuba uBhokhwana wayelahlekile? Kutheni/kutheni kungenjalo?"
- ♥ Mema abantwana bakho ukuba bazobe umfanekiso obonisa ukuba kunjani ukulahleka.
- ♥ Cela umngeni ebantwaneni abadadlana ukuba babalise ibali kwakhona ngokusebenzisa abalinganiswa abangabantu endaweni kaMama uBhokhwe noBhokhwana.



Drive your imagination



The tale of Oxpecker and Buffalo

By Kai Tuomi ■ Illustrations by Samantha van Riet



In the old days, Oxpecker had a bright yellow bill. He lived in a little hut in a patch of long grass. Each day he would sweep his hut before setting off into the grass to catch his favourite food. At night he would climb into his nest-bed, his belly full of green grasshoppers, flies and wriggly worms.

If anyone came into the patch of long grass, Oxpecker would fly up and shout at them. He would peck them and make a fuss until they went away. He liked to live alone, and he didn't want to share with anyone.

One day, while Oxpecker was out searching for insects, he heard a low rumble, like the sound of thunder rolling in the hills, and something blocked out the sun.

"What now?" shrieked Oxpecker, flying up out of the long grass to get a better view.

A big, black animal with heavy horns was walking through the long grass.



"Hello," said Buffalo. "I haven't eaten anything in weeks. This long grass is exactly what I need. May I have some?"

"No! Go away!" shouted Oxpecker.

"Well, I'll die if I don't eat something. There hasn't been any rain for months. This is the only patch of long grass around here. Won't you let me eat some of it, please?"

"Didn't you hear me? Go away!" said Oxpecker flying around Buffalo's head.

"But you don't even eat grass," Buffalo said. And then he tried again, "We could share the grass."

"I don't share! This is mine! Mine! Mine! Now go away!" shouted Oxpecker.

Buffalo's forehead wrinkled and his eyes narrowed to slits. He got so angry that his tail swished back and forth, making a loud clapping sound as it struck the sides of his rump. "Well, if you are going to be rude, I'm going to eat it anyway. I eat grass, that is what I do, and I am hungry, so here I GO, you rude bird," said Buffalo about to chomp on some grass.

"You wouldn't dare!" shrieked Oxpecker.

"How are you going to stop me? Look at how big I am. And because you're being so rude, I've decided that I'm going to eat and eat and eat until I'm full." And with a loud *MUNCH! CRUNCH!* Buffalo started to eat.

This made Oxpecker so angry that the end of his beak turned bright red. Oxpecker flew around Buffalo's head shouting and shrieking and whooping, but Buffalo just kept on eating. Soon all the long grass was gone. To make matters worse, Buffalo put his big hoof right through the roof of Oxpecker's hut.

Oxpecker flew up onto Buffalo's back and started pecking away at his skin.

"That's not going to work," said Buffalo. "My skin is very thick. Even Lion has tried to bite me with his sharp teeth and I got away. You are too small, Oxpecker. And you deserved what you got. I was willing to share."

"Well, that's it then," said Oxpecker growing suddenly quiet. "I was only angry and rude because that was my home. Now I have no home and no food – all those delicious green grasshoppers, flies and wriggly worms that lived in the long grass are gone! Everything's gone."

Buffalo looked back at Oxpecker, who was crying, and then to the bare patch of earth and the broken hut. "I'm sorry I destroyed your home," he said, "but maybe I can make it up to you. I have a problem with insects, you see. I mean, just take a look at my back. There are always far too many insects hanging on and crawling all over me. You could eat them, and it would be really nice to have someone finally get rid of them for me."

Oxpecker looked up and down Buffalo's body and noticed all the little insects clinging to Buffalo's skin. The bird's tummy rumbled, but the thought of doing Buffalo a favour after everything he had done, made Oxpecker angrier and angrier. His yellow bill grew redder and redder.

"First you ate all my lovely grass!" shouted Oxpecker. "Then you wrecked my house. You actually put your big hoof right through the roof! Now you want me to eat all these insects as a favour!" He walked up and down Buffalo's back, pecking at the insects as he talked. "You really are the worst, Buffalo! As if I would help you," he said with his little mouth full of insects.



Buffalo simply shrugged and walked off with Oxpecker riding on his back, shouting and eating insects. And they are still doing that to this day, but Oxpecker never forgave Buffalo, and his yellow beak stayed red forever.





Ibali likaSingolankomo noNyathi

Libali likaKai Tuomi Imifanekiso izotywe nguSamantha van Riet




Mandulo, uSingolankomo wayenomlomo otyheli obengezelayo. Wayehlala kungquphantsi omncinane kwithafa elinengca ende. Yonke imihla ebetshayela ungquphantsi wakhe phambi kokuya engceni ukuya kuzingela okona kutya akuthandayo. Ebusuku ebeqabela kumandlalo wendlwane yakhe, isisu sizele mpu ziintethe eziluhlaza, iimpukane nemibungu ejubalazayo.

Ukuba kukho umntu ofika kweli thafa linengca ende, uSingolankomo ebebhabela phezulu angxole futhi amngxolise. Ebemngqola abonise ukungonwabi ade ahambe loo mntu. Ebethanda ukuhlala yedwa, futhi engafuni kwabelana namntu nganto.

Ngenye imini, xa uSingolankomo wayesazingela iintethe, weva ukundila okwakutsholo phantsi, kwakuvakala ngathi sisandi seendudumo ezindulini, njengento eyayithintela ukuqaqamba kwelanga.

"Yintoni leyo?" watswininiza uSingolankomo, ebhabela phezulu ephuma kuloo ngca inde ukuze abone kakuhle.

Isilwanyana esikhulu, esimnyama esineempondo ezinkulu sasihamba kuloo ngca.



"Molo," watsho uNyathi. "Andikhangeni nditye nto kwiiveki ezimbalwa. Le ngca inde yeyona nto ndiyidinga ngenene. Ndingakhe ndifumane kuyo?"

"Hayi! Suka apha!" wangxola uSingolankomo.

"Kaloku, ndiza kuba andityi nto. Seziliqela iinyanga kungekho mvula. Eli thafa linengca ende lilo kuphela elikhoyo apha. Akunakundivumela ndikhe nditye, torho?"

"Akuvanga ukuba nditheni? Hamba apha!" watsho uSingolankomo ebhabela ejikeleza intloko kaNyathi.

"Kodwa wena akuyityi ingca," watsho uNyathi. Waphinda wazama kwakhona, "Singabelana ngengca."

"Andabelani namntu! Yeyam yonke le! Yeyam! Yeyam! Khawusuke apha ngoku!" wangxola uSingolankomo.

Ibunzi likaNyathi lafingana amehlo akhe acutheka angathi yimisikeko. Wayenomlomo kangangokuba wayeswahlaza umsila wakhe emva naphambili, usenza isandi esingxolayo ngokungathi kukuqhwaba xa ethwaxa ngawo emacaleni eempundu zakhe. "Hayi ke, xa uza kuba krwada, ndiza kusuka ndizithathele. Nditya ingca, yinto endiyenzayo leyo, kwaye ndilambile, ngoku ke, NDENZA NJALO, ntakandini ekrwada," watsho uNyathi xa eza kunqophula ingca.

"Akunakuyenza loo nto!" watswininiza uSingolankomo.

"Uza kundinqanda njani? Uyabona ukuba ndimkhulu kangakanani. Phofu nangenxa yobu bukrwada bakho, ndenze isigqibo sokuba ndizakutya nditye ndide ndihluthe." Ngokungxolayo kona UKUMAMFUZA! UKUKRWAMZA! uNyathi waqalisa ukutya.

Oku kwamenza wanomsindo uSingolankomo kangangokuba incam yomlomo wakhe yayika yabengezela ukuba bomvu. USingolankomo wayebhabela ejikeleza intloko kaNyathi engxola aphinde antswininize ebhamboloza, kodwa uNyathi waqhubeka watya. Ngephanyazo yonke ingca ende yayiphelile. Kangangendlela awayedelela ngayo, uNyathi wagqobhoza uphahla lukangquphantsi kaSingolankomo ngophuphu lwakhe.

USingolankomo wabhabela phezulu komqolo kaNyathi waza waqalisa ukunqola isikhumba sakhe.

"Ayizi kunceda nganto loo nto," watsho uNyathi. "Isikhumba sam somelele kakhulu. Nkqu noNgonyama ukhe wazama ukundiluma ngamazinyo akhe abukhali kodwa ndaphuncuka. Wena Singolankomo umncinane kakhulu. Uvune into oyilimileyo. Mna bendizimisele ukwabelana nawe."

"Sekunjalo ke," watsho uSingolankomo asuka aphel' emqaleni amazwi. "Bendinomsindo ndaqibela ngokuba krwada kuphela kuba lowa ubungumzi wam. Ngoku andinakhaya futhi andinakutya – azisekho zonke ezazi ntethe ziluhlaza zinencasa, iimpukane nemibungu ejubalazayo ebezihlala engceni ende! Konke akusekho."

UNyathi wajonga emva kuSingolankomo, owayelila, waphinda wajonga ethafeni lomhlaba elingenanto nasendlwini eseyilibhodlo. "Ndicela uxolo ngokutshabalalisa ikhaya lakho," watsho, "kodwa mhlawumbi ndingakunika icebo. Ndinengxaki yezinambuzane, uyabona. Jonga nje emqolo wam. Kusoloko kukho izinambuzane ezininzi ezijinga nezinyakazela phezulu kwawo wonke umzimba wam. Ungatya zona, kwaye kungakuhle kum xa ekugqibeleni ndinokuba nomntu ondisusela zona."

USingolankomo wawanyusa ewathoba amehlo akhe emzimbeni kaNyathi wazibona zonke izinambuzane ezazinamathele esikhumbeni sikaNyathi. Aqala axuxuzela amathumbu entaka, kodwa ingcinga yokwenzela uNyathi ububele emva kwawo wonke umonakalo awenzileyo, yamcaphukisa ngakumbi nangakumbi uSingolankomo. Umlomo wakhe waya uba bomvu ngokuba bomvu.

"Okokuqala uyitye yonke ingca yam ebintle!" wangxola uSingolankomo. "Emva koko ubhodloze indlu yam. Uyigqobhoze uphahla lwayo ngophuphu lwakho olukhulu! Ngoku ufuna ukuba ndikuncede nditye zonke ezi zinambuzane!" Wahamba-hamba emqolo weNyathi enyuka esihla, enqola-nqola izinambuzane naxa wayengayeki ukuthetha. "Akukho yakho kodwa, Nyathi! Ucinga ukuba ungancedwa ndim kakade," watsho ngomlomo omncinane ozele zizinambuzane.



UNyathi wasuka wadlikidla amagxa akhe wahamba noSingolankomo ekhwele emqolo kuye, engxola kodwa eqhuba ngokutya izinambuzane. Kude kube namhla basenza njalo, kodwa uSingolankomo zange amxolele uNyathi, kwaye umlomo wakhe owawutyheli sowaba bomvu unaphakade.

Nal'ibali fun

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1. Make a badge

1. Cut along the red dotted line to cut out the badge.
2. Colour in the picture.
3. Cut a circle the same size as the badge from some thin cardboard, for example, a cereal box.
4. Use glue to paste the badge onto the cardboard.
5. Use sticky tape or masking tape to attach a safety pin to the back of the badge. Or make a hole at the top and thread some wool or string through it so that you can hang it around your neck.
6. Enjoy wearing your badge as you read and listen to stories on World Read Aloud Day.

Yenza ibheji

1. Sika ukhuphe ibheji ulandela umgca ongamachaphaza abomvu.
2. Faka umbala emfanekisweni.
3. Sika isangqa esilingana nebheji ngobukhulu kwikhadibhodi ephecephece, umzekelo, ibhokisi yesiriyeli.
4. Sebenzisa iglu ukuncamathelisa ibheji ekhadibhodini.
5. Sebenzisa into yokuncamathelisa eqinileyo ukuze uncamathelise umva wesipelitana ngasemva kwibheji yakho. Okanye ugqobhoze umngxunyana emantla ebheji ze ufake iwulu okanye umtya ukuze ukwazi ukuyijingisa entanyeni yakho.
6. Yonwabela ukunxiba ibheji yakho xa ufunda okanye umamele amabali ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.



2. Unscramble the letters to find five words from *Fly, everyone, fly!* that have to do with how we travel.



Badibanise oonobumba ukufumana amagama amahlanu asuka ku**Bhabhani, nonke, bhabhani!** anento nokwenza neendlela esihamba ngazo.

nsaitr _____

racs _____

subes _____

satxi _____

ploreasena _____

eliloowo

otiimo



sibihai

keitsii

obinihlia

3. Look at these pictures from *Fly, everyone, fly!* Number them so that they match the order in which things happened in the story. Now use the pictures to retell the story.

Khangela le mifanekiso esuka ku**Bhabhani, nonke, bhabhani!** Yifakele iinombolo ukuze zihambelane nendlela izinto ezenzeka ngayo ebalini. Ngoku sebenzisa imifanekiso ukubalisa ibali kwakhona.



Impendulo: 2. oololwe, ilimoti, ilibhasi, iitaksi, ilibhanti; 3. 3, 2, 4, 1
 Answers: 2. trains, buses, taxis, aeroplanes; 3. 3, 2, 4, 1

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:
 AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

- www.nalibali.org
- www.nalibali.mobi
- [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)
- [@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)
- [@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)
- info@nalibali.org

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Sindiswa Mbokodi. Nal'ibali character illustrations by Rico.



Drive your imagination

